## Umkhuhlane

# iRIFT VALLEY FEVER



## Yintoni umkhuhlane iRift Valley Fever?

Umkhuhlane iRift Valley Fever (RVF) sisifo esibukhali esibangwa yintsholongwane enokubanga ukugula okukhulu ezilwanyaneni ezifuyiweyo ezinje nge nkomo, iigusha, iibhokhwe, iinkamela, iinyathi kwakunye nabantu. Esisifo kwezizilwanyana sizibonakalisa ngomkhuhlane nokugula okuthwal'isamehlo, uphunzo, lokuhlasela iqela, nezinga eliphakamileyo lokufa.

## Sibangwa yintoni esi sifo?

Esisifo sibangwa yintsholongwane.

## Sifunyanwa phi esi sifo?

Umkhuhlane I RVF ufumaneka kumazwe asezantsi kwentlango iSub-Sahara ye Afrika. Ngaphambili ugqabhuko lwesisifo lwalusenzeka kwi-Afrika kwakunye nalapha eMzantsi-Afrika kwisithuba seminyaka emihlanu ukuya kwelishumi elinesihlanu Olugqabhuko-sifo lwenzeka kwimimandla eyome kakhulu ize emva kwethuba ifumane iimvula ezinkulu neempuphuma.

## Sisasazeka njani esi sifo?

Iintlobo-ntlobo ezininzi zeengcongconi zizithwala ntsholongwane zomkhuhlane i RVF uxhaphaka kakhulu ngeminyaka enemvula ezingaqhelekanga kuze kwande amanani eengcongconi. Iingcongconi zizondla ngegazi lezilwanyana ezithe zazondla kuzo kwamva. Le ntsholongwane inako ukuphila ithuba elide kwimeko ezisingqongileyo, ngoba lamaqanda engcongconi angahlala ephila ixesha elide (ukuya kwiminyaka eliqela) phantsi kweemeko ezomileyo. Ngamaxesha anemvula ezininzi okanye iimpuphuma amaqanda ayaqandusela ize lonto ibange ukwanda kokosuleleka kwezilwanyana ezo zithe iingcongconi zazondla kuzo.

## Yintoni umngcipheko wempilo yoluntu onxulumene nesisifo?

### Sisasazeka njani esi sifo ebantwini?

Abantu bangosuleleka ngumkhuhlane i RVF ngezindlela

- Ngokutyiwa ziingcongconi ezosulelekileyo
- Ngokuphatha igazi, incindi zomzimba okanye izihlunu zomzimba xa kuxhelwa, kuhlinzwa no kusika izilwanyana ezosulelekiyo.
- Ngokutya ubisi olukrwada okanye inyama engaphekwanga yesilwanyana esosulelekiyo yintsholongwane

### Ngabaphi abantu abasemngciphekweni?

- Abantu abasebenza ngempilo yezilwanyana
- Oogqirha bemfuyo
- Amagosa emfuyo
- Amafama kwakunye nabelusi
- Abasebenzi bamaziko xilongo zilwanyana

### Zeziphi iimpawu zesisifo ezilwanyaneni?

Iimpawu zixhomekea kuhlobo lwesilwanyana esihlaselekiyo neemeko ezi nje ngobudala nokumitha:

- Uphunzo oluninzi, uphunzo lwezimithiyo, iigusha kwakunye neenkomo (80-100%)
- Ukufa komgqeku
- Amatakane amancinci namathole abanomkhuhlane atyhafe afe ngesaquphe
- Izinga lokufa kwizilwanyana eziselula lixhome kakhulu nakuba ukufa kweegusha ezindala kukumyinge wamashumi amabini ekhulwini (20%) ibelishumi ekhulwini (10%) kwinkomo ezindala.
- Iinkomo negusha ezindala zibonakalisa imikhunyu, ukuvuza izinkcwe okugqithisileyo nokungacaceli kutya nokutyhafa notyatyazo.

### Sixilongwa njani esi sifo?

- Umkhuhlane iRVF ungakrokrelwa ngokusekelele ezimpawini, ukubakho kwezinambuzane, ukugula kweizilwanyana nabantu ngaxesha nye nokunwenwa okukhulu kwesifo, nokubakho kwemeko zendalo ezingqongileyo ezikhuthaza ukubakho kwesisfo.
- Uxilongo kumaziko ovavanyo zifo zezilwanyana

## Singathintwelwa okanye silawulwe njani esisifo?

- Ugonyo lokuthintela umkhuhlane lungenziwa kwizilwanya ezi kwimimandla esixhaphake kuzo esi sifo.
- Ingqwalaselo yokujonga umkhuhlane IRVF ixesha elide kwimihlambi yezilwanya zohlobo oluthile.
- Ngokukhawulezileyo uqhakamishelwano namagosa onyango zifo.
- Ulawulo lweengcongconi ezithwala ukufa iingcongconi ngokufefa nokulawula iindawo ezihlala kuzo
- Iindlela zokujonga ukutshintsha-tshintsha kwemozulu zinganika isikhokhelo nesilumkiso ngemeko zokwanda kwengcongconi.
- Ukunxiba izikhuselo zokunqanda ukufumana intsholongwane ezifana nehempe ezinemikhono emide kwakunye nebhulukhwe ezinde. Ukunqanda ukuba Phandle ngamaxesha ingcongconi zikhuthale ngawo.
- Ukusebenzisa iminatha yentaka/yengcongconi

### Ngenkcukacha ezithe vetshe nxibelelana:

Nogqirha wemfuyo | Ugqirha wemfuyo karhulumente | Igosa lonyango mfuyo | Igosa lolimo | Iofisi okanye iklinikhi yonyango mfuyo

Iofisi zolimo | Isibhedlele | Iklinikhi yezempilo | Ugqirha | Imibutho yolimo

---


drdar

Department:
Rural Development & Agrarian Reform
PROVINCE OF THE EASTERN CAPE



**Compiled from the OIE FACT SHEET on RVF by ADSU - KM(Knowledge Management) Distributed by ADSU - VOP(Veterinary Outreach Programmes)**


STAY HOME
SAVE SOUTH AFRICA


**Customer care toll free 0800 20 30 25 Monday to Friday | Whatsapp: 072 195 1969 | Facebook: Eastern Cape Department of Rural development and Agrarian Reform**